URhulumente
weNtshona Koloni

ISebe leMfundo leNtshona Koloni
**Moya Combrink**
ICandelo loLawulo loVavanyo
Moya.Combrink@westerncape.gov.za | 021 467 2626

cfInombolo yefayili: 20/2/1/1
Isalathiso: 20240814-5893

INgcaciso eMfutshane yoLawulo loVavanyo: 0014/2024

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli, kwiiNtloko zokuNika iNkxaso kwiKharityulam, kuBaphathi beeSekethe, kwiiNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kwiiNtloko zoLawulo nokuPhathwa kwaMaziko, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kuBaququzeleli boVavanyo, kuBacebisi ngeZifundo nakwiiNtloko zawo onke amaziko emfundo alungiselela abaviwa iimviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke

**Isihloko: Ukulawulwa koMsebenzi woVavanyo okuMgangatho oFanayo (*Common Assessment Task* (*CAT*)) kwiSifundo soLwazi ngezoBomi (*Life Orientation*) kwiBakala 12 ngo-2024**

1. IMimiselo i-*Regulations Pertaining to the Conduct, Administration and Management of the National Senior Certificate Examinations,* eyapapashwa kwiGazethi kaRhulumente No 37651 ye-16 Meyi 2014, yenza isibonelelo samanqaku okupasa okugqibela e*Life Orientation* (*LO*) ngokusekelwe kuvavanyo lwangaphakathi, nomalumodareyithwe ngaphandle, kwakunye noMsebenzi woVavanyo okuMgangatho oFanayo (*Common Assessment Task*) (*CAT*)) osetwa kwakunye nomodareyithwa ngaphandle ngokunjalo.

2. Le ngcaciso imfutshane yazisa izikolo ngenkqubo emayilandelwe kulawulo lwe-*CAT* yeSifundo se*LO* ngo-2024.

3. I-*CAT* yeSifundo se*LO* yinxalenye yamanqaku okupasa okugqibela kwiBakala 12 yaye, ke ngoko, bonke abafundi beBakala 12 mabayibhale.

4. Umhla wokubhalwa kweCAT yeSifundo se*LO* **nguMvulo, we-02 Septemba 2024,** ukususela **ngo-09:00 ukuya ku-11:30.** Nakuphi na ukushenxa kulo mhla nakweli xesha kuya kuthathwa njengesitenxo esixhomis' amehlo.

5. I-*CAT* yeSifundo se*LO* iya kuba nephepha eliziiyure ezimbini ezinehafu, **elinamanqaku ayi-100 ewonke.**


wcedonline.westerncape.gov.za
Employment and salary enquiries: 0861 819 919 | Safe Schools: 0800 45 46 47
Western Cape Education Department

6. ISebe leMfundo leNtshona Koloni (iSebe i*WCED*) liprinte amaphepha emibuzo e*CAT* yeSifundo se*LO* abo bonke abafundi beBakala 12 kwiphondo, ngokwedatha yobhaliso lokugqibela.

7. ISebe i*WCED* liya kubonelela nangamaphepha efoliyo anokusebenza njengencwadi yeempendulo.

8. **Ukusiwa kwamaphepha emibuzo e*CAT* yeSifundo se*LO* ezikolweni**

8.1 Amaphepha emibuzo kunye namaphepha efoliyo aya kupakishwa aze atywinwe kwiibhokisi zekhadibhodi.

8.2 Amaphepha emibuzo e*CAT* yeSifundo se*LO* aya kusiwa ezikolweni ngu-*BRIMA Logistics* **ngowe-29 Agasti nowe-30 Agasti 2024.**

8.3 Esakuba efunyenwe amaphepha emibuzo, inqununu mayiwasayinele ukuvuma ukuba iwafumene amaphepha emibuzo. Iibhokisi zekhadibhodi ezitywiniweyo ezinamaphepha emibuzo namaphepha efoliyo mazigcinwe kwisefu/kwigumbi elinqatyisiweyo ngoko nangoko, kude kuqale uviwo **ngowe-02 Septemba 2024.**

8.4 Inqununu mayivule iibhokisi zekhadibhodi ngosuku loviwo ngo-08:00, kwiyure engaphambi koviwo, kwi-ofisi yayo.

8.5 Isiqinisekiso sokuvuma ukufunyanwa kweebhokisi masizaliswe yaye masithunyelwe nge-imeyili apha: Mfana.Dyasi@westerncape.gov.za.

9. **Ukukhutshwa kwamaphepha emibuzo oviwo ngosuku loviwo**

9.1 Ngosuku loviwo, **ngowe-02 Septemba 2024**, inqununu mayivule iibhokisi zekhadibhodi ezinamaphepha emibuzo ezitywiniweyo e-ofisini yayo mayizikhuphe izingxobo ezingaphandle ezitywiniweyo ezinamaphepha emibuzo **kwiyure engaphambi** kokuqala kweseshoni yoviwo.

9.2 Emva kokungqininisisa ukuchaneka kwephepha loviwo, izingxobo ezingaphandle ezitywiniweyo ezinamaphepha emibuzo mazithathwe zisiwe kwindawo yokubhalela uviwo. Zozibini, isingxobo sangaphandle nesangaphakathi, esinamaphepha emibuzo mazivulwe kwindawo yokubhalela uviwo abafundi bekhona.

10. **Ukuqhutywa koviwo**

10.1 I-*CAT* yesifundo ye*LO* mayibhalwe ngokwemimiselo emalunga nokuqhutywa kweemviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke.

10.2 Abafundi banokubhala amagama abo kwikhasi lokuqala lencwadi yefoliyo.

10.3 Abafundi abebengekho (benaso bengenaso isizathu esibambekayo) mabarekhodwe **kwifankshinalithi ye-*CEMIS i-functionality for Life Orientation Absenteeism*,** emva kokugqitywa koviwo.

10.4 **Ukuba akukho mfundi ubengekho kuviwo, oko makuchazwe kwifankshinalithi ye*CEMIS* ye*Life Orientation Absenteeism.***

10.5 Kubaluleke gqitha ukuba amaxwebhu abubungqina ezizathu ezivakalayo zokungabikho kuviwo makagcinwe kwifayili esesikolweni yaye makafumaneke kwaNdlunkulu nakwi-ofisi yesithili xa eceliwe.

10.6 Abafundi ebebengekho kuviwo **ngowe-02 Septemba 2024** baya kunikwa imvume yokubhala iimviwo zokuxabangela (*supplementary*) ze*CAT* ye*LO*, njengethuba lokugqibela lokugqibezela lo msebenzi wovavanyo.

11. **Ukutywina nokugcinwa ngokunqatyisiweyo** kwezikriphthi zeempendulo **emva koviwo**

11.1 Emva kokubhalwa kwe*CAT* yeSifundo se*LO*, izikriphthi zeempendulo mazitywinelwe ngoko nangoko kwakweso singxobo seplastiki siyi-*green-banded bag* sikhutshwe kunye namaphepha emibuzo.

11.2 Isingxobo seplastiki esiyi-*green-banded bag* esitywiniweyo esinezikripthi zeempendulo masigcinwe ngoko nangoko kwisefu/kwigumbi elinqatyisiweyo (*safe/strong room*) lesikolo de kuqaliswe ukumakishwa kwazo.

11.3 **Izikriphthi zeempendulo ze*CAT* ye*LO* mazingathunyelwa kwaNdlunkulu.**

12. **Iingxoxo ngesikhokelo sokumakisha**

12.1 Iintlanganiso zeengxoxo zokubeka mgangathweni mnye inkqubo yokumakisha zikazwelonke ziya kuqhubeka ukususela **ngowe-08 ukuya kowe-09 Septemba 2024** yaye ngabacebisi ngezifundo abaya kubakho kuzo.

12.2 Kuya kuqhubeka iintlanganiso zeengxoxo zonxibelelwano **ngekhompyutha** zesikhokelo sokumakisha zephondo nezezithili ukususela **ngowe-11 ukuya kowe-12 Septemba 2024.** Izikolo ziya kufumana iinkcukacha zamalungiselelo esikhokelo seengxoxo zokumakisha zokugqibela ngokuthunyelwa nge-imeyili.

12.3 Izikriphthi zeempendulo zinokukhutshwa kwisefu/kwigumbi elinqatyisiweyo kuphela emva kokugqitywa kweentlanganiso ngesikhokelo seengxoxo zokumakisha zesithili.

13. **Ukumakishwa kwe*CAT* yeSifundo se-*LO***

13.1 Ukumakishwa kwe*CAT* yeSifundo se*LO* makuqhutyelwe esikolweni, phantsi kweliso lenqununu, notitshala oneqhuzu okanye nentloko yesifundo ebambele njengemodareyitha yangaphakathi.

13.2 Inkqubo yokumakisha iya kuqala ngomhla **we-16 Septemba 2024**, yaye kufuneka igqitywe ungadlulanga **owe-20 Septemba 2024**.

13.3 Apho kukho ngaphezu kotitshala omnye ofundisa iSifundo se*LO* esikolweni, iinqununu maziqinisekise ukuba ootitshala abazimakishi izikriphthi zabafundi ababafundisayo.

13.4 Iinqununu zezikolo zimele ukwenza ithayimthebhile yokuphumzana yootitshala be*LO* ukwenzela ukuba kugqitywe ukumakishwa esikolweni.

14. **Ukumodareyithwa kwamaxwebhu omfundi abubungqina**

14.1 Ubuncinane ziipesenti ezilishumi zezikriphthi zeempendulo ezimakishiweyo ekufuneka zimodareyithwe ngutitshala oneqhuzu okanye yintloko yesifundo.

14.2 Umcebisi weSifundo se*LO* makamodareyithe isampula yezikriphthi zeempendulo ezisuka kwizikolo ezikhethiweyo.

14.3 Ukumodareyithwa zizithili nazizikolo kufuneka kuqhubeke phakathi komhla **we-20 ukuya kowe-22 Septemba 2024.**

14.4 Ukumodareyithwa kwe*CAT* yeSifundo se*LO* kwiphondo kuya kuqhutywa phakathi **kowe-23 nowe-25 Septemba 2024.**

14.5 Ukumodareyithwa kwe*CAT* yeSifundo seLO kuzwelonke kuya kuqhutywa ukususela **kowe-26 Septemba ukuya kowe-01 Oktobha 2024.**

15. Malunga **nokufakwa kwikhompyutha kwamanqaku e*CAT* yeSifundo se*LO*,** izikolo ziya kuzalisa iirekhodishithi zamanqaku ezikwikhompyutha zeBakala 12 (i-*Grade 12 electronic subject record sheets*) zeSifundo se*LO* ezifumaneka ngokukhutshelwa (*download)* kwi-*CEMIS***.**

16. **Izikriphthi zeempendulo ze*CAT* ye*LO* kufuneka zigcinwe esikolweni kwindawo ekhuselekileyo kude kube ngowe-31 Matshi 2025.**

17. Kucelwa iinqununu zenze amalungiselelo ayimfuneko okubhalwa kolu vavanyo.

18. Kucelwa nazise ngale ngcaciso bonke ootitshala nabafundi beBakala 12 beSifundo se*LO* ukuze bakuthathele ingqalelo.

**ISAYINWE:** NGU-BJ LORISTON
**USEKELA MLAWULI-JIKELELE WEKHARITYHULAM NOLAWULO LOVAVANYO**
**UMHLA:** 2024-08-14